UXWEBHU LWENYANISO LOHLAHLO LWABIWO-MALI LWESI-3

OoMasipala nokuthengiswa kweenkonzo

Ngenxa yokuba izixa-mali ezinkulu kwimali karhulumente zichithwa ekuthengisweni kwezi nkonzo zesiseko zibalulekileyo, ibalulekile into yokuba siqwalasele isizathu sokokuba kutheni urhulumente esebenzisa iinkampani zangaphandle nje ukunikezele ezi nkonzo, yaye nendlela ezithi ziqeshwe ngayo ezi nkampani ze zibekwe iliso.

Injongo yolu xwebhu lwenyani kukunceda amalungu oluntu ukuba akuqonde ukuthengiswa kwenkonzo, yaye inkqubo nemithetho yeSixeko kufuneka ilandelwe ekuqeshweni kweenkampani ukulungiselela ukunikezelwa kweenkonzo egameni laso. Le ngcaciso iya kuxhobisa uluntu ukulungiselela ukulunceda ukubeka iliso kwinto yokuba ingaba ezi nkonzo zinikezelwa ngokufanelekileyo na.

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW

1 KUKUTHINI UKUTHENGISWA KWEENKONZO?

Isambuku esipheleleyo esabiweyo kuhlahlo lwabiwo-mali lokusebenza lonyaka wama-2011/12 esilungiselelwe uthengiso lweenkonkonzo li- | 10.6% lohlahlo lwabiwo-mali | SISI-R2.4 SAMAWAKA EZIGIDI

Ukuthengiswa kwenkonzo kuxa urhulumente ekhetha inkampani yangaphandle ukuba inikezele ngeenkonzo ezithile egameni lakhe. UMthetho weeNkqubo zikaMasipala (MSA) kunye noHlahlo lwaBiwo-mali lweSixeko saseKapa luzibiza ezi nkampani "njengoncedo lwangaphandle". Isivumelwano phakathi korhulumente nenkampani sibizwa ngokuba sisiVumelwano sokuNikezelwa kweNkonzo (okanye SDA), yaye sichaza gca oko kufuneka kunikezelwe yinkampani.

UMthetho weeNkqubo zikaMasipala (MSA) (uMthetho wama-32 wama-2000) ngumthetho olawula indlela oomasipala abasebenza ngayo. Phakathi kwezinye izinto, iMSA iqinisekisa ngento yokuba oomasipala bazalisekisa uxanduva lwabo loMgaqo-siseko lokunikezela ngelunge lokufumana iinkonzo ezifikelelekayo eziyimfuneko kuluntu lonke, nokusebenza ekunyanzeliseni uphuhliso lwentlalo noqoqosho lweengingqi zoluntu. Ibonelela ngokunjalo ngesicwangciso-nkqubo ngolawulo lwendlela yokusebenza, nokulungiselela unikezelo lweenkonzo, ngumasipala.

IMSA-
UMTHETHO WENKQUBO KAMASIPALA:
Ngumthetho othi ulawule indlela oomasipala abalawulwa ngayo.

ISDA-
ISIVUMELWANO SOKUNIKEZELWA KWENKONZO:
Isivumelwano phakathi korhulumente nenkampani.

Ukulungiselela unyaka wama-2011/12, iSixeko sase Kapa sabe malunga **10.6% (R2.3 AMAWAKA EZIGIDI)** *kuhlahlo lwabiwo-mali lokusebenza ukulungiselela ukuthengiswa kwenkonzo, ekubhekiselelwe kulo kuhlahlo lwabiwo-mali "njengeenkonzo ezithengiweyo"[1].*

2

Ukunikezelwa nokulolongwa kweenkonzo zococeko kwiSixeko saseKapa ngomnye wemizekelo wenkonzo yesiseko kamasipala enokuthi ithengiswe. Ngokwakaloku nje, ezinye zeenkonzo ezithi zithengiswe eKapa kwiinkampani zangaphandle zibandakanya:

- UKUQOKELELWA KWENKUNKUMA NOKUCOCWA KWENDAWO ZOKUSEKA ULUNTU
- UKUCOCWA KWEENGINGQI
- UKUBONELELWA NOKUNIKEZELWA KWEEYUNITHI ZEZINDLU ZETHUTYANA
- UKULOLONGWA KWEEPAKA ZESIXEKO

UMZEKELO WOKUTHENGISWA KWENKONZO

Umzekelo, iSixeko sichonge inkampani ukuba ilungise izindlu zangasese zekhemikhali ezikwiindawo zamatyotyombe isithuba seminyaka emi-2 neenyanga ezili-10 ngeendleko ezizigidi ezingama-R38.4. Enye inkampani ichongelwe ukubonelela nokulolonga izindlu zangasese zekhemikhali ezingakhukhulisi lindle kwiindawo zamatyotyombe "nakwiindawo zokutshintshwa kwezithuthi zikawonke-wonke" kwithenda exabisa izigidi ezili-R164, ngokunjalo isithuba seminyaka emi-2 neenyanga ezilu-10.

Ngenxa yokuba izixa-mali ezinkulu zemali karhulumente zichithwa ekuthengisweni kwezi nkonzo zesiseko zibalulekileyo, ibalulekile into yokuba siqwalasele isizathu sokokuba kutheni urhulumente esebenzisa iinkampani zangaphandle nje ukunikezele ezi nkonzo yaye nendlela ezithi ziqeshwe ngayo ezi nkampani ze zibekwe iliso.

NGENXA YOKUBA IZIXA-MALI EZIKHULU ZEMALI KARHULUMENTE ZICHITHWA EKUTHENGISWENI KWEZI NKONZO ZESISEKO ZIBALULEKILEYO, IBALULEKILE INTO YOKUBA SIQWALASELE ISIZATHU SOKOKUBA KUTHENI URHULUMENTE ESEBENZISA IINKAMPANI ZANGAPHANDLE NJE UKUNIKEZELE EZI NKONZO YAYE NENDLELA EZITHI ZIQESHWE NGAYO EZI NKAMPANI ZE ZIBEKWE.

3 KUTHENI URHULUMENTE ETHENGISA IINKONZO NJE?

Zininzi izizathu apho urhulumente anakho ukukhetha ukuthengisa inkonzo ngaphezu kokuyinikezela ngokwakhe (okanye yenziwe ngaphakathi). Ngamanye amaxesha inkampani iba namakhono obuchule awodwa namava athile yaye ngoko inakho ukunikezela ngenkonzo ngokufanelekileyo nangokukhawuleza, okanye inokuba nakho ukunikezela nenkozo engcono, ngaphezulu kokuba urhulumente enakho ukuyenza ngowakhe. Urhulumente akasoloko enakho ukuba yincutshe ekunikezeleni ngazo zonke iintlobo zeenkonzo, ngoko uxhomekeke kwicandelo labucala. Kwezinye iimeko, urhulumente uthi azinikezele ezi nkonzo ngokwakhe, kodwa uyasilela kwikhono ngokwakaloku nje. Kwezi meko, kunokuba lula yaye kukhawuleze ukusetyenziswa kwenkampani yangaphandle. Kwezinye iimeko, urhulumente ugqiba kwinto yokuba asikuko ukulolonga imali ukwakha ikhono apha ngaphakathi ukulungiselela ukunikezela ngenkonzo ze ngoko enze isigqibo sokokuba kufaneleke ngcono ukusetyenziswa kwenkampani yangaphandle kwixa elizayo.

Kukho ngokunjalo izithintelo ezithile kuthengiso lweenkonzo. Ngokwangezelela ulungiselelo olungaphezulu kwinkqubo yokunikezelwa kenkonzo, ukuthengiswa kweenkonzo kwenza umsantsa omkhulu phakathi komasipala nabahlali abafumana inkonzo yaye ngoko kunokunciphisa uxanduva lukarhulumente. Unikezelo lwenkonzo lusenokuba nzima ukuba lubekwe iliso xa kuthe kwanikezelwa ngenkonzo yinkampani yangasese. Ngezinye iindlela umntu unakho umntu angaxoxa athi ukuthengiswa kweenkonzo yindlela angazikhwebula ngayo urhulumente kuxanduva lokunikezela ngenkonzo ethile ngokwakhe.

UNCEDO

- *amakhono obuchule*
- *amava angaphezulu*
- *ngokukhawuleza nangokufanelekileyo*
- *inkonzo elungileyo engcono*

IZITHINTELO

- *Umsantsa phakathi komasipala nabahlali*
- *ukuncitshiswa koxanduva lukarhulumente*
- *kubanzima ukubeka iliso*
- *ubani unakho ukuxoxa athi urhulumente unakho ukuzikhwebula kuxanduva*

UMTHETHO WEENKQUBO ZIKAMASIPALA (ICANDELO LOKU-1) UCHAZA INKONZO YESISEKO KAMASIPALA:

" NJENGENKONZO ETHI IBE YIMFUNEKO UKULUNGISELELA UKUQINISEKISA NGOBOMI OBULUNGILEYO OBAMKELEKILEYO NOBUFANELEKILEYO YAYE, UKUBA NGABA AZINIKEZELWANGA, ZIYA KUBEKA EMNGCIPHEKWENI IMPILO YOLUNTU OKANYE UKHUSELEKO OKANYE INDALO".

4 UTHINI UMTHETHO MALUNGA NEENKONZO ZESISEKO ZIKAMASIPALA?

eMzantsi Afrika, umasipala unoxanduva lokunikezela ngeenkonzo zesiseko kuluntu - oku kubandakanya amanzi, ucoceko, ukususwa kwenkunkuma, umbane, kunye neendlela. UMgaqo - siseko wabela umasipala umsebenzi wophuhliso, oko kuthetha okokuba umasipala kufuneka aqhube ucwangciso lwakhe, uhlahlo lwabiwo - mali nolawulo ngendlela apha enika okubalulekileyo kukuhlangabezana nezidingo zesiseko zoluntu kunye nophuhliso lwawo wentlalo noqoqosho (iCandelo 153).

Ngokomthetho, umasipala kufuneka enze ngokuhambelana noMgaqo-siseko, anike ingqwalasela ephambili kwiimfuno zesiseko zoluntu lwengingqi, akhuthaze uphuhliso loluntu lwengingqi, ze aqinisekise ngento yokuba onke amalungu oluntu lwengingqi abe nelungelo lokufumana ubuncinane benqanaba leenkonzo zesiseko zikamasipala. Iinkonzo zikamasipala kufuneka ngokunjalo zibe nobulungisa (zinobulungisa yaye azikhethi) yaye ziyafumaneka, zinikezelwa ngendlela yokokuba ukulunga kwazo kuye kuphucuka emva kwexesha, yaye kufuneka zivavanywe rhoqo. (iCandelo 73).

EMZANTSI AFRIKA, UMASIPALA UNOXANDUVA LOKUNIKEZELA NGEENKONZO ZESISEKO KULUNTU - OKU KUBANDAKANYA AMANZI, UCOCEKO, UKUSUSWA KWENKUNKUMA, UMBANE, KUNYE NEENDLELA.

IINKONZO ZESISEKO ANOXANDUVA LWAZO URHULUMENTE

NGAMANZI | LUCOCEKO | UKUTHUTHWA KWENKUNKUMA | UMBANE | IINDLELA

5 YINTONI EKUFUNEKA UMASIPALA EYENZILE XA EQWALASELA UKUCHONGA UMNIKEZELI WEENKONZO WANGAPHANDLE?

Umasipala akanakho ukugqiba ngokusebenzisa inkampani yabucala ukulungiselela ukubonelela ngeenkonzo zikamasipala ngaphandle kokuthethana noluntu yaye alandele inkqubo ethile ethiwe thaca emthethweni. Ngokuhambelana nomthetho, xa umasipala egqiba ngento yokuba asebenzise inkampani yabucala ukulungiselela ukunikezela ngenkonzo okanye ngokubonelela ngokwakhe esebenzisa abasebenzi bakhe, umasipala kufuneka kuqala anike isaziso kuluntu lwengingqi sokokuba uzimisele ukuthengisa ngenkonzo (MSA, iCandelo 78).

Umthetho unyanzelisa into yokokuba umasipala kufuneka anike ingqwalasela kwezi ndlela zokukhetha zilandelayo xa esenza isigqibo sento yokuba asebenzise okanye angasebenzisi umnikeli ngenkonzo wabucala:

UKUBA NGABA UMASIPALA AKANALO IKHONO NGAPHAKATHI LOKUNIKEZELA NGENKONZO, OKU AKUSISO ISIZATHU ESANELEYO NGOKWASO SOKUTYUMBA UMNIKEZELI WENKONZO WANGASESE. EZINYE IINQOBO ZOKUKHETHA KUFUNEKA ZITHATHELWE INGQALELO.

- 01 iindleko ezithe ngqo nezingathanga gqo kunye nezibonelelo zazo,
- 02 ikhono nokubakho kwekhono kwixa elizayo likamasipala kunye nabanikezeli ngenkonzo abanokubakho,
- 03 iimbono zoluntu lwengingqi,
- 04 ifuthe elingakho kuphuhliso needlela zengqesho kumasipala, kunye
- 05 neembono zemibutho yabasebenzi.

6 ITHINI INKQUBO ELANDELWAYO YOKUKHETHA UMNIKEZELI NGENKONZO WABUCALA ?

Ukuba ngaba umasipala uyilandele yonke inkqubo efunekayo waze waggiba ngento yokokuba kungcono ukuba kusetyenziswe inkampani yabucala ukubonelela ngenkonzo, umthetho ngoko uchaza inkqubo umasipala afanele ukuyisebenzisa ukuggiba ngokuba yiyiphi na inkampani ekufuneka ayityumbe (MSA, iCandelo 83). Inkqubo yokukhetha kufuneka:

- ibe nokhuphiswano, ibe yelungileyo, ibe selubala, ibe nobulungisa yaye igcine iindleko ziphantsi;
- yamkele bonke abanikezeli ngenkonzo abalindelweyo ukuze babe nelungelo elilinganayo nangexesha elinye lokufumana ingcaciso efanelekileyo kwinkqubo yokubizwa kwamxabiso;
- incitshisiwe ithuba lokubakho kobuqhinga norhwaphilizo;
- imenze umasipala athabathe uxanduva kuluntu lwengingqi malunga nenkqubela phambili yokukhethwa komnikezeli ngenkonzo nesizathu saso nasiphi na isigqibo esithatyathiweyo; kunye
- nokuthabathela ingqalelo yemfuneko yokukhuthaza ukuxhotyiswa kwamashishini amancinane nasakhulayo.

Ukuba ngaba iprojekti yokubonelela ngenkonzo kamasipala yesiseko inkulu yaye urhulumente ucinga ngokutyumba inkampani yangasese ukuba iyiqhube, umasipala kufuneka ngokomthetho alandele iinkqubo ezithile "zokukhupha ithenda". Ngokwesiqhelo oku kubandakanya amanyathelo asi-7 alandelayo:

ISDA

ISDA ibandakanya zonke iinkcukacha ezimalunga nenkonzo ekufuneka inikezelwe, kubandakanywa ngokuthe gca ngokuza kwenziwa, ngubani ekujongwe ukuba akwenze, mawenziwe nini, siqala nini isivumelwano yaye siphelelwa nini, yaye ziya kumiselwa njani iindleko.

01 Okokuqala, umasipala kufuneka apapashe ngokuphandle into yokokuba ukhangela inkampani eza kwenza umsebenzi, ze imeme iinkampani ezinomdla ukuba zingenise izindululo kumasipala ngomhla othile wongeniso. Umasipala uya kupapasha amaxwebhu abiza iinkcukacha zethenda ezithi thaca iinkcukacha ezithe gca zohlobo lomsebenzi afuna wenziwe - ubude bexesha, ukulunga, ubungakanani njalo najalo.

02 Kuya kuthi nje ukuba ixesha elibekiweyo lidlule yaye zonke izicelo zingeniswe, umasipala kuya kufuneka ahlole ukuba ziselungelweni na izicelo azifumeneyo.

03 Ezo zicelo ezithe zaqinisekiswa ukuba zifanelekile ziyavavanywa yiKomiti yoVavanyo yokuNikwa kweXabiso yaye kunikezelwa amanqaku ngokuhambelana nenani lweentlobo zokukhetha ezahlukeneyo, ezinokuthi zibandakanye:

- *ixabiso eya kuthi inkampani ilibize ukwenza umsebenzi,*
- *amava abo neziqinisekiso zemfundo,*
- *indlela yabo endululwayo yokwenza umsebenzi kunye nesicwangciso somsebenzi, kunye*
- *newonga labo leBBBEE .*
- *their BBBEE status.*

04 Zakuthi xa sele zonke izicelo ezifanelekileyo zivavanyiwe, inkampani ephume phambili ngokuhambelana namanqaku ityunjwe. Urhulumente unakho ukwenza isigqibo sokutyumba inkampani eyenye engaphandle kwale ifumene amanqaku aphezulu, kodwa kufuneka anike izizathu ezibambekayo zokwenza oko. Igosa elinika ingxelo likamasipala kufuneka, ngembalelwano, lazise uMphicothi-zincwadi Jikelele, iCandelo loLawulo-mali lePhondo neCandelo loLawulo-mali leSizwe ngezizathu.

05 Emva kokuba umnikezeli ngenkonzo olindelekileyo sele etyunjiwe, umasipala kufuneka ngoko athethane ngemimiselo nemiqathango yokugqibela yesiVumelwano sokuNikezelwa kweNkonzo (SDA) kunye nomnikezeli ngenkonzo okhethiweyo (MSA, iCandelo 84).

06 Ukuba ngaba uthethwano lube nempumelelo, umasipala kunye nomnikezeli ngenkonzo kufuneka bangene kwiSDA.

07 Ukuba, abakwazi ukufikelela esigqibeni kwisithuba sexesha elifanelekileyo, umasipala unakho ukuthethana nomnye umnikeli ngenkonzo okwinqanaba elilandelayo ngokuhlelwa.

7 KWENZEKA NTONI EMVA KOKUBA UMNIKELI NGENKONZO WABUCALA ETHE WATYUNJWA?

Nangona inkampani yabucala ityunjiwe ukuba inikezele ngenkonzo kuluntu egameni likamasipala, umasipala usala enoxanduva lokuqinisekisa ngento yokuba ezo nkonzo zinikezelwa ngokufanelekileyo. Ngokomthetho, xa umasipala engena kwiSDA nomnikeli wangasese, kufuneka:

1. alawule ukunikezelwa kwenkonzo;
2. abeke iliso ze avavanye into yokuba ingaba umnikeli ngenkonzo usigcinile na isivumelwano, kubandakanywa nokulunga kwendlela yokwenziwa kwenkonzo; kunye
3. nokusetyenziswa kwegunya lakhe ukuqinisekisa ngento yokuba iinkonzo zinikezelwa ngaphandle kwesiphazamiso yaye zisemdleni woluntu lwengingqi.

XA INKAMPANI YANGAPHANDLE ITYUNJIWE..... UMASIPALA USALA ENOXANDUVA LOKUQINISEKISA NGENTO YOKUBA EZO NKONZO ZINIKEZELWA NGOKUFANELEKILEYO.

LUNGAZI NJANI ULUNTU LWENGINGQI MALUNGA neeSDA?

Ngokubanzi, umthetho woMzantsi Afrika ugxininisa ngento yokuba oomasipala kufuneka bavumele lonke uluntu lwengingqi ukuba luthabathe inxaxheba kwimicimbi kamasipala ze lungenise izibongozo nezikhalazo ekufuneka umasipala eziqwalasele ze aphendule kuzo. Oomasipala banyanzelekile ukuba bathethane noluntu ze banike ingxelo malunga nokunikezelwa kwenkonzo.

Ngokuhambelana nentengiso yenkonzo, umthetho ubhekiselela kuxwebhu olubizwa ngokuba sisiVumelwano sokuNikezelwa kweNkonzo (SDA) phakathi kwenkampani nomasipala. Nangona kunjalo ngokwendlela yokusebenza, amaxesha amaninzi oomasipala abaqalisi nokuphuhlisa uxwebhu olunye olubizwa ngokuba yiSDA. Endaweni yoko umasipala usayina isivumelwano kunye nenkampani yangasese aze aqhoboshele iinkcukacha zethenda ezithi thaca iinkcukacha zomsebenzi oya kwenziwa. Isivumelwano neenkcukacha zethenda ngoko zisebenza njengeSDA.

ISIVUMELWANO SOKUNIKEZELWA KWENKONZO
=
ISIVUMELWANO
+
IINKCUKACHA ZETHENDA

8

Ngokuhambelana neeSDA, umthetho unyanzelisa ukuba umasipala enze oku kulandelayo:

NGAPHAMBILI

Phambi kokuba umasipala angene kwisivumelwano nenkampani yabucala, kufuneka iseke indlela nenkqubo elungiselelwe ukuthethana noluntu nokuhambisa ingcaciso enxulumene neSDA. Okuqulathiweyo kwisivumelwano kufuneka kwaziswe kuluntu lwengingqi ngokubhengezwa kumaphepha-ndaba (MSA, iCandelo 80).

EMVA:

Emva kokuba umasipala engene kwiSDA, kufuneka iikopi zesivumelwano zifumaneke kwiiofisi zakhe ukulungiselela ukuhlolwa luluntu ngesithuba seeyure zomsebenzi. Kufuneka ngokunjalo enze isaziso kumaphepha-ndaba ngeenkcukacha zenkonzo eya kuthi inikezelwe phantsi kwesivumelwano, igama lomnikezeli ngenkonzo otyunjiweyo nendawo apho kunye nesithuba esibekelwe ukufumaneka kwezi kopi zesivumelwano ukulungiselela ukuhlolwa luluntu (MSA, iCandelo 84). Oku kuthetha into yokokuba njengelungu loluntu unalo ilungelo lokufuna ukubona isivumelwano kunye neenkcukacha zethenda, kuba umthetho ugunyazisa ukuba iSDA kufuneka uyifumane. Umthetho ngokunjalo ugunyazisa oomasipala ukuba bazenze zifumaneke zonke iiSDA kwiiwebhusayithi[4] zabo.

ULUNGISO:

Xa umasipala nomnikezeli ngenkonzo befuna ukulungisa iSDA emva kokuba inkqubo yethenda iqukunjelwe, umasipala kufuneka anike uluntu lwengingqi:

- isaziso esifanelekileyo sokokuba ufuna ukuguqula isivumelwano kunye
- nezizathu seenguqu ezo zicetywayo, yaye nethuba elaneleyo lokuba benze umelo kumasipala. Oku ngokunjalo kusebenza xa umasipala efuna ukuhlaziya iSDA.

LUNGENZA NTONI ULUNTU LWENGINGQI?

Ukuba ngaba uluntu lwengingqi luyacela, umasipala kufuneka ahlaziye yaye enze isigqibo ngeendlela ezifanelekileyo zokunikezela ngenkonzo kamasipala (MSA, iCandelo 77). Oku kuthetha into yokokuba ukuba ngaba uluntu lwengingqi alwanelisekanga okanye lixhalabile ngendlela ekuthi kunikezelwe ngayo inkonzo, banakho ukukuphakamisa oku kumasipala ngokuthi mhlawumbi bangenise isibongozo okanye isikhalazo, okanye ngokuyichaphazela kwintlanganiso yoluntu okanye kwiiseshini zothethwano nebhunga likamasipala. Umasipala kufuneka ngoko ahlaziye indlela ekunikezelwa ngayo inkonzo kamasipala. Oku kubandakanya ukuqwalasela into yokokuba ingaba inkonzo inganikezelwa ngaphakathi ngumasipala okanye ngokusetyenziswa kwenkampani yangaphandle.

UKUBA ULUNTU LWENGINGI ALWANELISEKANGA OKANYE LUNENKXALABO..... LUNAKHO UKUNGENISA ISIBONGOZO OKANYE ISIKHALAZO, OKANYE NGOKUYICHAPHAZELA KWINTLANGANISO YOLUNTU.

9 ISISHWANKATHELO

Amalungu oluntu anendima ebalulekileyo ekubekeni iliso kwinto yokuba ingaba iinkonzo zinikezelwa ngokufanelekileyo.

Kubalulekile ukukhumbula into yokokuba nokokuba umasipala usebenzisa inkampani yabucala ukunikezela ngeenkonzo zesiseko, umasipala - hayi inkampani - usenoxanduva lokokuba ingaba ezi nkonzo zinikezelwa ngethuba elimiselweyo kusini na, ngohlobo olulungileyo na, kubantu abafanelekileyo na.

Umthetho ugunyazisa ukuba oomasipala baqhube inkqubo ephandle xa betyumba inkampani yabucala, ze ingcaciso ifumaneke emalunga ngeenkonzo ekufuneka zinikezelwe yinkampani, nezifumanekayo kuluntu. Oku kunceda uluntu ukuba lube yinxalenye yokuthatyathwa kwesigqibo nokubandakanyeka kubeko lweliso ukukhangela ukuba ingaba inkampani inikezela ngeenkonzo na ezihlawulelwayo yaye zezo umasipala anoxanduva lokuzinikezela.

KUBALULEKILE UKUKHUMBULA INTO YOKUBA NOKOKUBA UMASIPALA USEBENZISA INKAMPANI YANGASESE UKUNIKEZELA NGEENKONZO ZESISEKO, UMASIPALA - HAYI INKAMPANI - USENOXANDUVA LOKOKUBA INGABA EZI NKONZO ZINIKEZELWA NGETHUBA ELIMISELWEYO KUSINI NA, NGOHLOBO OLULUNGILEYO NA, KUBANTU ABAFANELEKILEYO NA.

REFERENCES:

1. City of Cape Town Adjustments Budget 2011/12,Table 7, pg. 17.8.
2. Section 114 of the Local Government Municipal Finance Management Act (Act 56 of 2003).
3. Section 81 of the Local Government Municipal Systems Act.
4. Section 75 of the Local Government Municipal Finance Management Act
5. Section 81 of the Local Government Municipal Systems Act

Olu xwebhu lweNyaniso loHlahlo Lwabiwo-mali luphuhliswe ngenkxaso evela kwiZiko elingoHlahlo Lwabiwo-mali nokuPhambili kuMgaqo-nkqubo (CBPP) kusetyenziswa umnikelo ovela kuThelelwano loHlahlo Lwabiwo - mali lweHlabathi lweCBPP.

NDIFUNA UKWAZI
DARE TO KNOW
NDIFUNA UKWAZI
www.nu.org.za
Office 203,
47 on Strand
Strand Street,
Cape Town 8001
021 423 3089

SOCIAL JUSTICE COALITION
Social Justice Coalition
www.sjc.org.za
SHAWCO Centre K2,
G323 Mongezi Road,
Khayelitsha,
Cape Town, 8000
021 361 8160 | 0744178306

IINKONZO ZIKAMASIPALA EZITHENGISISWEYO

Ukuqokelelwa kwenkunkuma nokucocwa kwendawo nococeko kwiindawo zamatyotyombe zaseKapa.

Iinani leenkonzo zesiseko zikamasipala kwiindawo zamatyotyombe zithengisiwe ngokwakalokunje siSixeko saseKapa kubanikezeli ngenkonzo bangaphandle.

Ngasezantsi yingcaciso emalunga ngazo zonke iithenda ezisaqhubayo ukulungiselela ukubonelela nokuqokelelwa kwenkunkuma nokuqokelelwa kwenkunkuma neenkonzo zococeko kwiindawo zamatyotyombe zeSixeko. Le ngcaciso ivela kwizindlu zeethenda ezinikezelweyo, ezifumaneka kwiwebhusayiti yoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo lweSixeko. (http://www.capetown.gov.za/en/SupplyChainManagement/Pages/default.aspx) "nakuLuhlu lwezibonelelo zangaphandle" kuHlahlo Labiwo-mali lweSixeko lowama-2012/13 (ITheyibhile 90, p. 150).

Ukuba nje abahlali bakhe bachonga inkonzo ethengiswayo abangathanda ukufunda ngayo ngaphezulu, umthetho ofana noMthetho weeNkqubo zikaMasipala kunye noMthetho woLawulo lweMali kaMasipala unceda abahlali ukuba babuze oomasipala ngeziVumelwano zokuNikezelwa kweNkonzo (iiSDA) ukulungiselela ukuba badlale indima yokubeka iliso ze babeke uxanduva lokunikezelwa kwengxelo emagxeni kamasipala.

A. UKUQOKELELWA KWENKUNKUMA

IiSDA ezilandelayo zilungiselelwe isibonelelo sokuqokelelwa kwenkunkuma nenkonzo yokucocwa kwendawo kwiingingqi zamatyotyombe.

Oku kubandakanya inkonzo yokuqokelelwa kwenkunkuma kwimizi ngemizi ekwezingingqi, ukuqokelelwa kweengxowa zeplastiki ezizeleyo ze kunikwe abahlali iingxowa ezintsha. Kubandakanywa nokutshayelwa kwezitalato, ukucholwa-cholwa kwenkunkuma, ukususuwa kwenkunkuma elahlwe ngokungekho mthethweni, nokucocwa kweendawo zikawonke-wonke kwingingqi iphela.

Amashishini kwingingqi afumana ngokunjalo inkonzo. Kusenokuba yimfuneko kumakhaya athile ukuba afumane iingxowa zibe mbini, okanye mhlawumbi zibe ntathu ngeveki, oku kuvumelekile ukuba ngaba iingxowa ezimbini okanye ezintathu ezizeleyo zithe zaqokelelwa. Iingxowa zinikezelwa kubahlali simahla

KANYE NGEVEKI INKONZO YOKUQOKELELWA KWENKUNKUMA KWIMIZI NGEMIZI NAKUWO ONKE AMAKHAYA AKWINGINGQI.

UKUQOKELELWA KWEENGXOWA ZEPLASTIKI EZIZELEYO ZE UNIKEZWE IINGXOWA EZINTSHA KUBAHLALI

UKUTSHAYELWA KWEZITALATO

UKUCHOLWA KWENKUNKUMA

UKUSUSWA KWENKUNKUMA ELAHLWE NGOKUNGEKHO MTHETHWENI

UKUCOCWA KWEENDAWO ZIKAWONKE-WONKE KWINGINGQI YONKE

IINGINGQI EZINCINANE ZAMATYOTYOMBE: INGINGQI YASEMPUMA

TENDER NUMBER: 332S/2009/10
PROVIDER: Chipcor Construction (Pty) Ltd
ESTIMATED VALUE: R 6 600 000
PERIOD: 3 years
EXPIRES: 30 June 2013

IINGINGQI EZINCINANE ZAMATYOTYOMBE: INGINGQI EPHAKATHI

TENDER NUMBER: 333S/2009/10
PROVIDER: Chipcor Construction (Pty) Ltd
ESTIMATED VALUE: R 4 200 000
PERIOD: 3 years
EXPIRES: 6 June 2013

INEW REST, IKANANA, IBARCELONA, IEUROPE NENDAWO YAMATYOTYOMBE IVUKUNZENZELE

TENDER NUMBER: 444S/2009/10
PROVIDER: Golden Rewards 618 CC t/a Shamrock New Era Recruiting
ESTIMATED VALUE: R 5 000 000
PERIOD: 2 years 8 months
EXPIRES: 6 June 2013

INDAWO YAMATYOTYOMBE IKOSOVO

TENDER NUMBER: 442S/2009/10
PROVIDER: Masiqhame Trading 113 CC
ESTIMATED VALUE: R 2 076 000 [?]
PERIOD: 2 years 9 months

IGXAGXA, IKTC, ILUSAKA, ITHAMBO SQUARE, IMILLERS CAMP, IMKHONTO SQUARE, IPHOLA PARK, IMPINGA SQUARE, IWATERFRONT, IGQOBASI NENDAWO YAMATYOTYOMBE IBLACK CITY

PROVIDER: Chippa Investment Holdings CC
ESTIMATED VALUE: R 5 000 000
PERIOD: 2 years 9 months
EXPIRES: 30 June 2013

INDAWO YAMATYOTYOMBE IMIZAMO YETHU

TENDER NUMBER: 344S/2010/11
PROVIDER: Linamandla Business Enterprise CC
ESTIMATED VALUE: R 3 610 000
PERIOD: 2 years 5 months
EXPIRES: 30 June 2014

INDAWO YAMATYOTYOMBE IWITSANDS

TENDER NUMBER: 345S/2010/11
PROVIDER: Lolla's Care Giving Agency
ESTIMATED VALUE: R 2 155 000
PERIOD: 2 years 3 months
EXPIRES: 30 June 2014

IFAMA KABROWN, INDAWO YAMANGCWABA, ISBDC, ISHEFFIELD ROAD, IAREA K, ISAMORA MACHELL NEENDAWO ZAMATYOTYOMBE IPHOLA PARK

TENDER NUMBER: 446S/2009/10
PROVIDER: Masiqhame Trading 113 CC
ESTIMATED VALUE: R 3 500 000
PERIOD: 2 years 8 months
EXPIRES: 30 June 2013

INDAWO YAMATYOTYOMBE IHANGBERG

PROVIDER: Ngokholo Construction and Cleaning and Security CC t/a Our Pride Services
ESTIMATED VALUE: R 2 300 000
PERIOD: 1 year 6 months
EXPIRES: 30 June 2014

B. UCOCEKO

Ezi SDA zilandelayo zijongene nobonelelo nololongo lweenkonzo zococeko kwiindawo zamatyotyombe.

UKULUNGISWA NOKULOLONGWA KWEZINDLU ZANGASESE EZIBEKWAYO EZIKHUKHULISA ILINDLE

UKULUNGISWA KWEZINDLU ZANGASESE EZIKWIBHOKISI YECANGCI (CHEMICAL TOILETS)

UKURHENTWA, UKUZISWA, UKUBEKWA NOKULUNGISWA KWEEYUNITHI ZEZINDLU ZANGASESE ZEKHEMIKHALI EZINGAKHUKHULISI LINDLE

UKUCOCWA KWEZINDLU ZANGASESE EZIGRUNJWE EMHLABENI UBUNCINANE KUBE KANYE NGENYANGA

UKUCOCWA KWEZINDLU ZANGASESE EZIKHUKHULISAYO EZIKHUPHELELA KUMATANKI OLONDOLOZO UBUNCINANE KUBE KABINI NGENYANGA

UKUCOCWA KWAMATANKI OLONDOLOZO ANGAPHANTSI KOMHLABA UBUNCINANE KUBE KABINI NGENYANGA

UKUCOCWA KWESIBONELELO SOCOCEKO SENDAWO YAMATYOTYOMBE AKWIMIDA YESIXEKO SASEKAPA

Le SDA yeyokucoca rhoqo izindlu zangasese ezigrunjwe emhlabeni kunye nezindlu zangasese ezikhukhulisayo ezikhuphelela kumatanki olondolozo kwiindawo zamatyotyombe. Kukho malunga nama-400 ezindlu zangasese ezigrunjwe emhlabeni, kunye nama-360 ezindlu zangasese ezikhukhulisayo ezikhuphelela kumatanki olondolozo ezisetyenziswayo ngokwakalokunje kwiindawo zamatyotyombe. Ukulungiswa kubandakanya ukucocwa kwezindlu zangasese ezigrunjwe emhlabeni ubuncinane kube kabini ngenyanga, kunye nezindlu zangasese ezikhukhulisayo ezikhuphelela kumatanki olondolozo ubuncinane rhoqo ngeenyanga ezimbini.

TENDER NUMBER: 196S/2010/11
PROVIDER: Quetzal Trading 116 CC
ESTIMATED VALUE: R 5 000 000
PERIOD: 1 year 10 months
EXPIRES: 30 June 2013

UKULUNGISWA NOKULOLONGWA KWEZINDLU ZANGASESE EZIBEKWAYO EZIKHUKHULISA ILINDLE KWIINDAWO ZAMATYOTYOMBE AKWISIXEKO SASEKAPA

TENDER NUMBER: 425S/2010/11
PROVIDER: Sannicare CC
ESTIMATED VALUE: R 48 000 000
PERIOD: 1 year 5 months
EXPIRES: 30 June 2014

UKULUNGISWA KWEZINDLU ZANGASESE EZIKWIBHOKISI YECANGCI EZIKWIINDAWO ZAMATYOTYOMBE AKWISIXEKO SASEKAPA

ISixeko saseKapa sinikezele ngaphezulu kwama-5600 ezindlu zangasese ezikwibhokisi yeCangci kwiindawo zamatyotyombe ezimalunga nama-60. Le SDA yeyokucoca nokulungisa rhoqo ezi zindlu zangasese. Iyunithi nganye ilungiswa amaxesha amathathu ngeveki nganye.

TENDER NUMBER: 418S/2009/10
PROVIDER: Sannicare CC
ESTIMATED VALUE: R 38 400 000
PERIOD: 2 years 5 months
EXPIRES: 30 June 2014

UKURHENTWA, UKUZISWA, UKUBEKWA NOKULUNGISWA KWEEYUNITHI ZEZINDLU ZANGASESE ZAMACHIZA EZINGAKHUKHULISI LINDLE EZILUNGISELELWE IINDAWO ZAMATYOTYOMBE EZIKWISIXEKO SASEKAPA.

ISDA ilungiselelwe ukunikezela, ukubekwa, ukulungiswa, ukucocwa nokufuduswa kwezindlu zangasese zekhamikhali kwiindawo ezahlukeneyo zamatyotyombe kwiSixeko siphela. Ezi zindlu zangasese kufuneka zilungiswe amaxesha amathathu ngeveki, kunye namatanki kufuneka achithwe yaye izindlu zangasese ziphinde zifakwe ikhemikhali eyamkelekileyo ngokutsha. ISDA ngokunjalo ibandakanya ukucocwa ngezandla ngantsuku zonke kwendlu yangasese kunye nomjikelo ozimitha ezimbini (2) kufutshane nendlu yangasese nganye.

TENDER NUMBER: 37Q/2010/11
PROVIDER: Imvusa Trading 700 CC t/a Mshengu Services
ESTIMATED VALUE: R 164 886 000
PERIOD: 2 years 2 months
EXPIRES: 30 June 2013

To view further lists of tenders awarded, visit the City's Supply Chain Management website:

http://www.capetown.gov.za/en/SupplyChainManagement/Pages/default.aspx

NDIFUNA UKWAZI
www.nu.org.za
Office 203,
47 on Strand
Strand Street,
Cape Town 8001
021 423 3089

Social Justice Coalition
www.sjc.org.za
SHAWCO Centre K2,
G323 Mongezi Road,
Khayelitsha,
Cape Town, 8000
021 361 8160 | 0744178306